basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

FEBRUWARI/MATSHI 2018

AMANQAKU: 80

IXESHA: Iiyure 2½

Olu viwo lunamaphepha angama-29.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

ICANDELO A:	ISihobe	(30)
ICANDELO B:	Inoveli/Uncwadi Lwemveli	(25)
ICANDELO C:	IDrama	(25)

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo.

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/NONCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Umbuzo osisincoko kwiSihobe kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama ali-190–240.
   - Umbuzo osisincoko kwiNoveli/Kuncwadi Lwemveli nakwiDrama kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama angama-340–390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ITHEYIBHILE YESIQULATHO

INANI LOMBUZO	UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
ICANDELO A: ISIHOBE			
Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.			
1. 'Umfikazi uCharlotte Manyhi Maxeke'	Umbuzo osisincoko soncwadi	10	6
2. 'Ingoma kaVelaphi'	Umbuzo omfutshane	10	7
3. 'Ithemba'	Umbuzo omfutshane	10	8
4. 'Intliziyo yam'	Umbuzo omfutshane	10	9
KUNYE			
Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile			
5. 'Ikrismesi'	Umbuzo omfutshane	10	10
QAPHELA: Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.			
ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI			
Phendula umbuzo OMNYE.*			
6. *Inkawu idliw' ilila*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	11
7. *Inkawu idliw' ilila*	Umbuzo omfutshane	25	11
8. *Nyana Wam! Nyana Wam!*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	14
9. *Nyana Wam! Nyana Wam!*	Umbuzo omfutshane	25	14
10. *Ukhozi Olumaphiko*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	17
11. *Ukhozi Olumaphiko*	Umbuzo omfutshane	25	17
OKANYE			
12. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	20
13. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli*	Umbuzo omfutshane	25	20
ICANDELO C: IDRAMA			
Phendula umbuzo OMNYE.*			
14. *Buzani Kubawo*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	24
15. *Buzani Kubawo*	Umbuzo omfutshane	25	24
16. *Indlal' Inamanyala*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	27
17. *Indlal' Inamanyala*	Umbuzo omfutshane	25	27

***QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI ezizincoko okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

ITSHEKLISTI

Sebenzisa le tshekhlisti ukuqinisekisa ukuba uphendule inani elililo lemibuzo.

ICANDELO	**AMANANI EMIBUZO**	**INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO**	**TIKISHA NGASEZANTSI**
A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo)	1–4	2	
KUNYE			
A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga)	5	1	
B: INoveli **OKANYE** Uncwadi LweMveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane)	6–13	1	
C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane)	14–17	1	
QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.			

ICANDELO A: ISIHOBE

IMIHOBE YESIXHOSA – B Ngombane

IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo omnye kumbongo ongafundiswanga okanye isibongo esingafundiswanga.

QAPHELA: Umbuzo ongumbongo ongafundiswanga KUNYANZELELKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule uphendule umbuzo olandelayo.

UMFIKAZI UCHARLOTTE MANYHI MAXEKE – SEK Mqhayi

'*Ndesuka ndingunina kwaSirayeli' (Gwebi 5:7)*

1 Shukumani bafazi;
2 Ushenxil' uMamarhixirhixi;
3 Ufinyis'amagruxu;
4 Ushenxil' okad 'esakh' umzi,
5 Egutyul' iirhanga namanxila;
6 Egodus' amahilihil' agoduke;
7 Kubuy' amadungudwan' emazweni;
8 Itye lesiseko seTiyopiya!
9 Shukumani bafazi!
……
10 Maz' emabele made yase-Afrika;
11 Okwanyis' usapho lukaNtu luphela;
12 Azi nonyaka yaphusile nje;
13 Logangwa yintokazi kabani na?
14 Menzelen' ilitye lokukhunjulwa;
15 Ze siqhayisele ngal' amavilikazi;
16 Az' angaz' alityalwe kowabo;
17 Az' angaz' alityalw' emhlabeni;
18 Az' angaz' alityalw' -eAfrika!
19 Nci! Ncincilili!

Bonisa indlela esisetyenziswe ngayo isigama ukuphuhlisa umongo walo mbongo.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240 (Iphepha elinye elinesiqingatha). **[10]**

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

INGOMA KAVELAPHI – JJR Jolobe

Ndiyeza, ndiyeza sithandwa sam,
Ndiyeza ndikhwele iqegu lomlilo.
Ligqitha umoya waseNtla ngamendu.
Ndiyeza ngokuba ndiluva ubizo lwelizwe loobawo.

O! Ndiyazibona, sithandwa sam,
Iinduli kwanamathambeka elizwe,
Elimpangalala; siphuma ingqina,
Siland' ekhondweni lexhama
Kwilizwe loobawo.
……
Indoda kaloku, sithandwa sam,
Imelwe kuphath' umhlakulo nomfazi
Agcine iintsapho, ukuze luzale
Olweth' ulonwabo,
Nojenti sithandwa,
Kwilizwe loobawo

2.1 Xela ukuba luphuhlisa ntoni ubaxo olusetyenziswe kumqolo wesi-3. (2)

2.2 Nika umsebenzi wophawu lokhuzo kumqolo wesi-5. (2)

2.3 Thelekisa umqolo we-12 nowe-13 ngokwesakhiwo sangaphandle. (2)

2.4 Chaza ukuba injani imvakalelo yembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.5 Mfundiso ni equlathwe sesi sicatshulwa sombongo? (2)
[10]

UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

ITHEMBA – SEK Mqhayi

1 Singenzani n' emhlabeni,
2 Sizuzeni n' elizweni,
3 Xa singenalo ithemba,
4 Intsusa yokusebenza?
……..
5 Wakufelwa nangowakho
6 Ife intliziyo yakho;
7 Ulil' uzenzakalise-
8 Nomphefumlo uwufise.
……
9 Le nt' ithemba iyinzulu,
10 Kwezomhlaba kwezezulu;
11 Ongenathemba ufile;-
12 Siph' ithemba ze siphile.

3.1 Nika umsebenzi wophawu lombuzo kumqolo wesi-4. (2)

3.2 Thelekisa umqolo wesi-5 nowesi-6 ngokwesakhiwo sangaphandle. (2)

3.3 Xela ukuba siphuhlisa ntoni isikweko esisetyenziswe kumqolo we-9. (2)

3.4 Chaza injongo yembongi ngalo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.5 Mfundiso ni equlathwe sesi sicatshulwa sombongo? (2)
[10]

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

INTLIZIYO YAM – C Nqakula

1 Intliziyo yam indityhilela izinto ezininzi;
2 Iyandityhola yakuthanda, indisindise kananjalo.
3 Hayi madoda! Unzima lo mthwalo!
4 Umkhonto ololwe walubengu, awubinzi
5 Udale amanxeba afana nawale ntliziyo,
6 Mhla izanyazanyiswe yadutywa zizilingo,
7 Eziza ngongcwalazi, ezinzulwini zobusuku nangesifingo-
8 Okanye ndityholwa ngezinto endingazaziyo.
9 Intliziyo yam lusindiso lwam;
10 Intliziyo yam kukutshabalala kwam;
11 Indikhaphela ezindleleni zobulungisa;
12 Kanti nakwezingendawo iyandisa.

13 Mandiyithini ke le ntliziyo,
14 Xa imkhonza ngolu hlobo umniniyo?

4.1 Nika umsebenzi wophawu lokhuzo kumqolo wesi-3. (2)

4.2 Xela ukuba iphuhlisa ntoni imiqondiso yendalo esetyenziswe kumqolo wesi-7. (2)

4.3 Thelekisa umqolo we-13 nowe-14 ngokwesakhiwo sangaphandle. (2)

4.4 Chaza ukuba injani imvakalelo yembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.5 Mfundiso ni equlathwe sesi sicatshulwa sombongo? (2)
[10]

KUNYE

UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)

UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

IKRISMESI – MG Mdliva

1 Ngumhl'omkhulu kwihlabathi,
2 Umhla wokuzalwa koMsindisi.
3 Ezalelwa kwisitali samahashe,
4 Izazi zakhokelelwa Kuye yinkwenkwezi.

5 Eli lithuba lokubhiyoza,
6 Wonk'umnt'ufun'ukuzonwabisa.
7 Kutyiw'izimuncumuncu kube mnandi,
8 Kube mnandi konwatyw'emakhaya.
……..
9 Amakhay'ambejembej'ahonjisiwe,
10 Bahl'abantwana banxib'ezimibalabala.
11 Iintsapho ziphek'izibiliboco kumnandi,
12 Wonk'umnt'ulangazelel'uxolo.

5.1 Xela ukuba isetyenziswe njengomqondiso wantoni inkwenkwezi kumqolo wesi-4. (2)

5.2 Thelekisa umqolo wesi-5 nowesi-6 ngokwesakhiwo sangaphandle. (2)

5.3 Xela ukuba uphuhlisa ntoni umfanekiso-ngqondweni osetyenziswe kumqolo we-9. (2)

5.4 Chaza ukuba injani imvakalelo yembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.5 Mfundiso ni equlathwe sesi sicatshulwa sombongo? (2)
[10]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezimbini noNcwadi Lwemveli.
- Khetha umbuzo kwiNoveli oyifundisiweyo/ukhethe umbuzo kuNcwadi Lwemveli.
- KwiNoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo 6 ukuya kumbuzo 13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

QAPHELA: Xa umviwa ekhetha umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwinoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwidrama).

INOVELI

Phendula UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE).

UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

Izigqibo azithathayo umntu zichaphazela ingomso lakhe. Ngqina la mazwi ujonge umlinganiswa onguThantaswa.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (2–2½ amaphepha). **[25]**

UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

ISICATSHULWA A

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

'Ngu-*Advocate* Mdlambila lo uthetha naye, osebenza kumbutho wamagqwetha akwa*Ncamani and Associates,'* watsho ethetha ngokuzola uMdlambila. Wayebeke iglasi yotywala phambi kwakhe njengoko kwakungoLwesihlanu, nenyanga iphelile. Wothuka wangcangcazela uThantaswa akuva kubizwa amagama adibene namagqwetha, nokwenza ebusuku. Lifuna ntoni? 'Ndingakunceda ngantoni ke bhuti?' wabuza ekhwebela kufuphi uMfuneko. Wayekhuphe amehlo kukothuka, engekaswabuluki ebusweni.
'Ndinqwenela ukukubona malunga nokwabiwa kwelifa lomyeni wakho uMsindisi Yangaphi. Bekungalunga ukuba singabonana nokuba kungomso,' watsho ebhodla ebuyisa inkoduso uJolinkomo.
'Ufuna sabe ilifa likaMsindisi? Andikuva kakuhle bhuti kule ndawo yokwabiwa kwelifa,' watsho ejonge kuMfuneko uThantaswa, uvalo luphuma ngomlomo.
'Ndifuna ukukubonisa ukuba labiwe njani na ilifa ngumyeni wakho. Ukuba uyayazi ke indlela elabiwe ngayo akukho ngxaki. Kodwa mna ndingumntu wasemzini kukhona endikukrokrelayo ekwabiweni kwalo. Yiyo loo nto ndinqwenela ukudibana nawe kwamsinyane. Ndifuna ukukuvusa,' watsho ethabatha ithamo ebhiyeni uMdlambila owayelisoka elihlala lodwa. Yamothusa le ndawo uThantaswa, wazibona sel' engcangcazela nezandla ezi.

'Kulungile ngomso singabonana, bhuti. Ndicela ukuba uze apha emzini wam,' watsho uThantaswa, emva koko wamzobela indlela eza emzini wakhe, bahlukana. 20
Wazijula esofeni uThantaswa emva kokuba ethethe noMdlambila. Wathula ixesha elide ejonge phantsi, ebambelele esilevini. 'Ngubani lo ubuthetha naye ngezinto zelifa?'

[Isahluko sesi–8]

7.1 'Ngu-*Advocate* Mdlambila lo uthetha naye, osebenza kumbutho wamagqwetha akwa*Ncamani and Associates* …' *(*Kumgca 1–2)

Wafikelela njani uMdlambila kwiincwadi zelifa likaMsindisi? (2)

7.2 '… wabuza ekhwebela kufuphi uMfuneko.' (Kumgca 6)

Yintoni eyenza ukuba uMfuneko angakwazi kuyitya imali yelifa likaThantaswa? (2)

7.3 'Ndifuna ukukubonisa ukuba labiwe njani na ilifa ngumyeni wakho.' (Kumgca 13)

Xela izinto zibe mBINI ezabiwayo zomyeni kaThantaswa ngababulali bakhe. (2)

7.4 'Ukuba uyayazi ke indlela elabiwe ngayo akukho ngxaki.' (Kumgca 13–14).

YayingengoMdlambila yedwa owazi indlela elabiwe ngayo ilifa likaMsindisi. Cacisa. (2)

7.5 ' "Ndifuna ukukuvusa," watsho ethabatha ithamo ebhiyeni uMdlambila …' (Kumgca 16–17)

Njongo ni awayenayo uMdlambila xa wayezixakekisa ngokwazisa uThantaswa ngeli lifa. (2)

7.6 'Wathula ixesha elide ejonge phantsi, ebambelele esilevini.' (Kumgca 21–22)

Loluphi udidi lwempixano oluvezwa kule migca ingentla? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.7 '… owayelisoka elihlala lodwa.' (Kumgca 17)

Loluphi udidi lozobo olusetyenziswe kulo mgca ungentla? Xhasa impendulo yakho. (2)

KUNYE

ISICATSHULWA B

MHLA WABUYELA YENA UMAPHEZA emsebenzini wavuyelwa ngumntu wonke. UMfuneko noNqoza bona bathi bakumbona emi namanye amapolisa baphuma ngabanye kuloo ofisi babe kuyo. Wangena nje e-ofisini yabo wabulisa kwababelapho, emva koko waxwesela e-ofisini kaNjinga. Wamchubela lonke ibali lokugula kwakhe, wagqibela ngewayekuxelelwe nguNontsikelelo kunye nasandula ukukuva ngoHlengiwe malunga nomfazi kaYangaphi noMfuneko.

Yothuka yabambelela ngezandla entloko iNtsumpa. Yathula ixesha elide, emva koko yathetha ngokungathi iyaphupha. 'Umfazi kaYangaphi uyazazi iindaba kodwa ke ungamndwebisi. Aba babini bona baza kuwukhomba umzi osilileyo,' watsho uNjinga ebucaphuka.

Emva kokuthetha noMapheza, uNjinga wabizela e-ofisini yakhe umncedisi wakhe, uMandla Nkomo, uZikhali omkhulu, nowayengekho emsebenzini ukwenzeka kweso sishiqi. Wamxelela ngako konke akuve ngoMapheza. Wothuka naye uNkomo ngendlela ebonakalayo.

'Mfo kaZikhali, asinako ukusebenza nababulali abakwangabakhuseli bezikrelemnqa. UMfuneko noNqoza kufuneka benqunyanyisiwe emsebenzini wabo ngawo lo mzuzu lo gama sisenza uphando ngezi zityholo zixelwa nguMapheza,' watsho uNjinga.

'Liyinyaniso elo Holomi. Ukuba ngenene nangenyaniso bangabatyholwa kule nto, kufuneka senze ngabo umzekelo. Kufuneka bawazi ukuba umthetho uyasebenza nakubantu bomthetho uqobo,' wangqina ngelo uNkomo.

Ngokwenene yathi ifika imini emaqanda, wabe uMfuneko noNqoza bebethwa ngumoya elokishini. Ilishwa labo ke kukuba banqunyanyiswa ngaphandle komvuzo wenyanga ngenxa yobunyekenyeke bezityholo zabo.

[Isahluko se-13]

7.8 'MHLA WABUYELA YENA UMAPHEZA emsebenzini wavuyelwa ngumntu wonke.' (Kumgca 1)

Chaza indlela uMapheza awasinda ngayo ekubulaweni nguSiphongo. (2)

7.9 'Mfo kaZikhali, asinako ukusebenza nababulali abakwangabakhuseli bezikrelemnqa.' (Kumgca 15)

Simveza njengomlinganiswa onjani uNjinga esi sivakalisi. Xhasa impendulo yakho. (2)

7.10 'UMfuneko noNqoza kufuneka benqunyanyisiwe emsebenzini wabo ngawo lo mzuzu …' (Kumgca 16)

UNqoza wangena kulo mgibe weyelenqe lokubulala uMapheza ngokuqhathwa nguMfuneko. Ngqina oku. (2)

7.11 ' "… lo mzuzu lo gama sisenza uphando ngezi zityholo zixelwa nguMapheza," …' (Kumgca 16–17)

Uloluphi udidi lomlinganiswa uMapheza kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (3)

7.12 'Ngokwenene yathi ifika imini emaqanda, wabe uMfuneko noNqoza bebethwa ngumoya elokishini.' (Kumgca 21–22)

Le migca ingentla isityhilela ntoni malunga nesimo sentlalo? (2)

[25]

UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Thamsanqa

Izigqibo azithathayo umntu zichaphazela ingomso lakhe. Ngqina la mazwi ujonge umlinganiswa onguThole.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (2–2½ amaphepha). **[25]**

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo wandule uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA C

Kwangoko uqubule Uhambo Lomhambi waphuma esiya ngasebuhlanti. Uthe efika waye emwela uFikizolo esithi, 'Khawutsho ke mfo wam, izolo sahlukene xa uKholekile axambulisana nelopho-lopho apha uCikozayo kumbuzo othi, 'xenikweni ufefe lukaThixo lusentliziyweni yomntu luzibonakalisa ngokuthini na?'
'Hayi kaloku ohlukene sel'exabene loo madoda ngokusuka kucace ukuba uKholekile umveza ubuze bakhe uCikozayo ngokholo lwakhe olungenazenzo,' watsho ukuphendula uMangaliso.

Wamamela ngomdla omkhulu uFikizolo, wathi ukuba asigqibe uThole esi sahluko wavakala uFikizolo esithi, 'Khawume ke apho mfo wam khe sincokole ezinye iindaba.'
'Khawutsho ke njengokuba ufikile nje ngoku ucinga ntoni?'
'Mayela nasiphi ke isithuba bawo?' wabuza uThole.

'Mayela nokuba ukweli xabiso ukulo. Qonda le nto Mangaliso mfo wam, ndandizimisele ukuba ufunde, ndinethemba elikhulu ngawe lokuba kothi kuzezi mini ube uyinto ebomini, walala ke elo thamsanqa wasibaleka isikolo, lawa phantsi ke ithemba lam namabhongo am ngawe ndaba ngodanileyo. Oko ndingazange ndife mfo wam ukumka kwakho ngenene le nto ingumntu ayifi kukuhliwa yinto embi. Kulungile ke akusenani, masiyinyathele ngonyawo leyo yemfundo ayisenani igqithile, masiyithathe ngokuba imfundo ibingelulo ubizo lwakho ebomini. Sikhangele kumgca ongezantsi. Ungaka ngoku, ke ndithanda ukuqonda ukuba ujonge phi na?'

[Isahluko sesi-4]

9.1 '… uqubule Uhambo Lomhambi waphuma esiya ngasebuhlanti.' (Kumgca 1)

Xela isizathu sokuba uThole aye ngasebuhlanti ephethe *Uhambo Lomhambi*? (2)

9.2 Wayeyifumene njani uThole le ncwadi kuthethwa ngayo KUMBUZO 9.1? (1)

9.3 '… "xenikweni ufefe lukaThixo lusentliziyweni yomntu luzibonakalisa ngokuthini na?" ' (Kumgca 3–4)

Asityhilela ntoni la mazwi malunga nesimo sentlalo? (2)

9.4 '… ohlukene sel'exabene loo madoda …' (Kumgca 5)

Loluphi udidi lwempixano olufumaneka kulo mgca ungentla? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.5 '… njengokuba ufikile nje ngoku ucinga ntoni?' (Kumgca 10)

Njongo ni awayenayo uThole xa wayebuyela kokwabo kwaFikizolo emva kokumka engaziwa nokuba uphi. (2)

9.6 '… ndandizimisele ukuba ufunde, ndinethemba elikhulu ngawe lokuba kothi kuzezi mini ube uyinto ebomini, …' (Kumgca 12–14)

Loluphi udidi lozobo olusetyenziswe ukuzoba uFikizolo kulo mgca ungentla? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.7 '… masiyithathe ngokuba imfundo ibingelulo ubizo lwakho ebomini.' (Kumgca 17–18)

Ngqina ngokwasencwadini ukungabi nanyani kwala mazwi kaFikizolo. (2)

KUNYE

ISICATSHULWA D

Uthe ukuba athethe ngoCentane zaphela iindaba kumfo wasemaKwayini, waphakama wembatha ingubo yakhe, waphuma wahamba. Walala ngobo busuku ezimisele ukuba uza kuya ecaweni kwiveki elandelayo ade ambone lo mfundisi ngawakhe amehlo. Ngayo loo veki lamkhathaza iphupha lakhe lemihla ngemihla awathi waliphupha oko kwathi kwathethwa ngalo mfundisi. Eli phupha lalimkhathaza liphupha awakha waliphupha kwiminyaka ekumashumi amathathu eyadlulayo: Kodwa wayesithi akuliphupha isiganeko sezo ntsuku sibe ngathi sesezolo, avuke ekhathazeke kakhulu.

Yaphela iveki. Kwangobusuku boMgqibelo, ixhego lalala lidibene nabafana labaxelela ukuba bancede bangalishiyi ngengomso xa baya ecaweni. Yabavuyisa kakhulu loo nto abafana. Okunene ngentsasa elandelayo bavuka balungisa baphathelela ecaweni behamba nendoda enkulu. Bafike ngesiqingatha kwintsimbi yeshumi sekunyakazela ngabantu belinde ukuba inkonzo ingene. Kungekudala befikile waphuma umfundisi nenkosikazi yakhe sebenxibe bephelele.

'Nanko ke, baw'umKwayi, umfundisi,' watsho omnye umfana kwababehamba nexhego.

'O-o-o! Nguye lo?' latsho ixhego limondela. Lithe xa liqalayo ukumondela wavakala umfundisi ekhwaza esithi, 'Litheni na eli bandla laseSpes Bona lisuke ladangala nje namhlanje? Aphi amadodana?'

'Akhona mfundisi!' yatsho impendulo ivela kwisiqhuma samadodana awayemi ecaleni kwendlu.

'Kutheni madodana ningahlabel'igwatyu nje? Hlabelani khesiyijikeleze le ndlu kabini kathathu sigxothe uSathana, uSathana yinto ethanda nokuthi nca ngeekona zendlu.'

[Isahluko se-11]

9.8 'Uthe ukuba athethe ngoCentane zaphela iindaba kumfo wasemaKwayini, …' (Kumgca 1)

Yintoni eyayimbangela ukuba avakalelwe umfo wasemaKwayini xa kuthethwa ngoCentane? (2)

9.9 '… uza kuya ecaweni kwiveki elandelayo ade ambone lo mfundisi ngawakhe amehlo.' (Kumgca 3)

Nika izizathu zibe zibini ezakhuthaza uMkwayi ukuba abe nomdla wokuya kuzibonela lo mfundisi. (2)

9.10 '… ixhego lalala lidibene nabafana labaxelela ukuba bancede bangalishiyi ngengomso xa baya ecaweni.' (Kumgca 8–9)

Yintoni eyayibangela ukuba eli xhego liziyaleze kwaba bafana ukuba bangalishiyi xa besiya ecaweni? (2)

9.11 'Kungekudala befikile waphuma umfundisi nenkosikazi yakhe sebenxibe bephelele.' (Kumgca 12–13)

UThozama ube luncedo njani ekudibaniseni uThole noMkwayi? (2)

9.12 ' "Nanko ke, baw'uMkwayi, umfundisi," watsho omnye umfana kwababehamba nexhego.' (Kumgca 14)

Ululuphi udidi lomlinganiswa uThole kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (3)

9.13 'Litheni na eli bandla laseSpes Bona lisuke ladangala nje namhlanje?' (Kumgca 16–17)

Le migca ingentla isityhilela ntoni malunga nesimo sentlalo? (1)
[25]

UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule

Izigqibo azithathayo umntu zichaphazela ingomso lakhe. Ngqina la mazwi ujonge umlinganiswa onguMfazwe.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (2–2½ amaphepha). **[25]**

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E

Yafika impendulo ndingayilidelanga engqondweni indixelela ukuthi mandihambele kude kuCikizwa. Zathi khona iingcinga zakufikelela kwindlela endiphoxwe ngayo nguNokuzola, andathandabuza nakancinci ukuba naye uCikizwa lo ungumgubo wengxowa enye naye.
Ndandifike ndixakeke nje kwindawo yokuba uthando lwam noNokuzola lwalungazange luze ngazingqi, lwathatha ixesha phambi kokuba luntumekeke, intombi enkulu ixela umvundla lo ukuphepha izicithi. Lwathi apho lumile khona, lwaqhuqhumba lwasiqweqwedisa lwehla ithambeka nathi, kanti kuloko luza kufika emfuleni lusityekezele kude, ashiyeke yena edadela kwicala elinoFriday, ngeli xa mna ndisiya kuntlaleka ematyeni. Shu-u! UCikizwa undifikele ngesivuthevuthe ndisedabini lezidubedube ezibangele ukuba ndibe sesi sibhadubhadu ndisiso. Sisaqhwithi esi sakhe, kakade isaqhwithi sigqutheza sidlule, sihewulwe sigxothwe okwenkwenkwe emdaka kuba kukholelwa ekubeni sizisa ilishwa. Angathini ke ngoko ukundihlolela uCikizwa? Hayi, makabone abanye.
'Uyaphambana ke ngoku,' walandelisa ngelo uNdima ndakuba ndimxelele ukuba aze angabhekisi nelimdaka kuCikizwa.
'Ndima, ufuna ndenze isithembiso endingenakuze ndisizalisekise nokuba sendifuna? Kule ndawo ndiya kuyo ndingangabuyi, kwaye uCikizwa yintombi yenkosi.'
'Uthetha okwegwala ke ngokuMfazwe, kodwa ke masiyiyeke leyo yobugwala. Amantombazana ngabantu bokuxokiswa, akuyazi loo nto? Thetha nokuba yintoni na eza kuxolisa umphefumlo wakhe. Ungazi nje wena, iza kundithi nca laa ntombazana, akukho nto angazi kuyibuza, …'

[Isahluko sesi-6]

11.1 '… andathandabuza nakancinci ukuba naye uCikizwa lo ungumgubo wengxowa enye naye.' (Kumgca 3–4)

Chaza indlela uCikizwa awabaluncedo ngayo ebomini bukaMfazwe. (2)

11.2 '… kanti kuloko luza kufika emfuleni lusityekezele kude, ashiyeke yena edadela kwicala elinoFriday, …' (Kumgca 8–9)

Ululuphi udidi lomlinganiswa uFriday kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.3 '… ashiyeke yena edadela kwicala elinoFriday, …' (Kumgca 9)

Njongo ni awayenayo uFriday ngokutyhola uMfazwe ngobuqhimgqoshe esidlangalaleni? (2)

11.4 '… undifikele ngesivuthevuthe ndisedabini lezidubedube …' (Kumgca 10–11)

Xela iziganeko zibe zibini ezenzeke kwaQaka ezibonisa izidubedube phakathi kwabantu namapolisa. (2)

11.5 '… ezibangele ukuba ndibe sesi sibhadubhadu ndisiso.' (Kumgca 11)

Sizathu sini esenza ukuba uMfazwe abe sesi sibhadubhadu engayifezanga injongo yokuhlamba igama lakhe? (2)

11.6 ' "Uyaphambana ke ngoku," walandelisa ngelo uNdima …' (Kumgca 15)

Isithomo sikaNdima sibeluncedo kolu hambo lukaMfazwe. Cacisa. (2)

11.7 '… kwaye uCikizwa yintombi yenkosi.' (Kumgca 18)

Loluphi udidi lozobo olufumaneka kulo mgca ungentla? Xhasa impendulo yakho. (3)

KUNYE

ISICATSHULWA F

Zaziseziqengqelekile iinyanga ndikwelaBathwa eMgazi, kwindawo esasiyibiza ngokuba yiNkampu apho elinye lamabutho eNtsimb' ebomvu lalihlala khona, liqeqeshelwa imini yogayi mhla kwakuqutyiswana nomkhosi waseMzafrika. Ngale mini ndincokola noSiphiwo, ndandichacha kwintente eyayibizwa ngokuthi sisibhedlele, iteketiswa ngokuthi yiMzimhlophe kuthathelwa kwindlela abanxiba ngayo abongikazi. Kodwa ke intente yona yayikude kakhulu kwintsingiselo yegama eyayiphiwe lona. Kufana negama eyayibizwa ngalo iNkampu le yethu, iMthontsi, igama abanye bethu ababengenalo nofifi lwemvelaphi yalo. EMzimhlophe ndandifana nenkwenkwe ethutha ubisi ukuquqa oku ngenxa yalo mlenze wasekunene, kuba kancinci kancinci kwakuye kufuneke ndiyokuwuhlolisa. Ekuqaleni ndandinengqondo ethi noko uya kukhawuleza uphile, ubuyele esiqhelweni, kwathi kanti andibhungisanga. Wahambela phambili okomkhuhlane wexhego, yaba ngamabonandenzile ukuba ungashunqulwa.
Oyena nobangela wenkathazo kukuba walufumana kade uqwalaselo ngabanolwazi lwamachiza eli xesha, lwathi lufika labe irhorho eli selifuna ukubola. Umfo endafikela kuye, uNyama owayebizwa ngeNgonyama emnyama yehlathi likaHoho, yena wayesedinwe kukuyazi, efuna ukuba ndisuswe eMthontsi kuba kwakungekho msebenzi wam.
'Phofu uyaqonda mfondini ukuba luKhozi olumaphik' ankone eli uthi akukho msebenzi walo.' Ndamvela xa exhathisa esitsho uNtshebe isekela lakhe. Ubuntshebe obu andazi wabuchola phi na njengokuba wayegudise ubuso nje. Oyena mntu wayetsho ngentshebe ende ngathi ngumtshayelo yayikwanguNyama lo.

[Isahluko se-9]

11.8 'Zaziseziqengqelekile iinyanga ndikwelaBathwa eMgazi, …' (Kumgca 1)

Asityhilela ntoni la mazwi malunga nesimo sentlalo? (2)

11.9 '… kwindawo esasiyibiza ngokuba yiNkampu apho elinye lamabutho eNtsimb' ebomvu lalihlala khona, …' (Kumgca 1–2)

Chaza indlela ubomi bukaMfazwe obasindiswa ngayo yinja emthendevu endleleni eya eMgazi. (2)

11.10 '… apho elinye lamabutho eNtsimb' ebomvu lalihlala khona …' (Kumgca 2)

Cacisa ukuba uMzolisi ube luncedo njani kuhambo lukaMfazwe lokutsiba imida. (2)

11.11 '… efuna ukuba ndisuswe eMthontsi kuba kwakungekho msebenzi wam.' (Kumgca 16–17)

UMfazwe wadlala indima enkulu kulutsha eMtshontsi. Ngqina oku. (2)

11.12 ' "Phofu uyaqonda mfondini ukuba luKhozi olumaphik' ankone eli uthi akukho msebenzi walo." Ndamvela xa exhathisa esitsho uNtshebe isekela lakhe.' (Kumgca 18–19)

Loluphi udidi lwempixano oluvezwa kule migca? Xhasa impendulo yakho. (2)
[25]

OKANYE

UNCWADI LWEMVELI

UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

'INTSOMI YEENYAMAKAZANA'

Ngqina ubunyani obuqhubeka kule ntsomi phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

- 'Ungabokuwudela umqulu iiyadi ungazibalanga.'
- Nxulumanisa le ntsomi ingasentla neqhalo elithi, 'imbovane iyalithwala inyiki'.
- Bonisa ukubaluleka kwengoma kule ntsomi wandule ukunika imisebenzi yeengoma zakwaNtu gabalala.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (2–2½ amaphepha). **[25]**

UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA G

'INTSOMI YOLOVANE'

Kwahlala kwahlala kwangantsomi. Kwiminyaka ngeminyaka eyadlula ngopewula, izilwanyana zadibana entlanganisweni zibizwe nguMdali wazo. Kule ntlanganiso zaziza kuzikhethela imibala. Khumbula ukuba zazikade zingenayo imibala. Zafika kwaMdali zayalelwa ukuba zakhe isangqa esikhulu. Zaxelelwa ukuba mazicingisise, zikhethe imibala eza kuzifanela ngonaphakade kanaphakade kuba zisakuba ziyifakelwe azisayi kuze ziphinde ziyijike, nezizukulwana ziya kuzalwa sezinayo.

Zayalwa ziboniswa ukuba kubi kokukhetha umbala ongasayi kuze wamkeleke kwizizukulwana ezizayo. Zaboniswa indlela eziya kugxekwa ngayo zingahlonitshwa ngabantwana ngenxa yobuchule bokukhetha obuheshe-heshe. Yabekwa imibala ngemibala phakathi kwesi sangqa zazisakhile. UMdali wamana ukuzibonisa umbala ngamnye awuchaze ukuba umele ntoni na. Wayexela nesizathu esibangela ukuba umbala othile uthandeke okanye ungathandeki, acebise apho kufuneka acebise khona. Wawubeka umbala omhlophe ewuchazile ukuba apho ukhoyo kuyakhanya ebomini, izinto zikuhambele kakuhle, umele ithamsanqa. Wehla nayo yonke imibala eyichaza waya kuphuma ekugqibeleni. Yonke le mibala yayineziphene zayo kodwa zazixolisa izilwanyana ngelithi akukho nzwana ingenasiphako.

Isilwanyana ngasinye esikhethayo sasixelela wonke ubani umbala esiza kuwukhetha sixele nesizathu. Kwakuye kuqhwatywe izandla kuyeyezelwe andule ngoku uMdali ukufakela umbala othandwa sisilwanyana.

Laphakama iqwarhashe lathi, 'Mdali weZulu nomhlaba, Sonini-nanini, nani nonke zinto zikaBawo ezilapha kule ntlanganiso, kuluvuyo ukunixelela ukuba namhlanje, ngale mini inkulu kangakanana, ndizikhethela umbala omhlophe namnyama. Ndikhetha le mibala mibini ngendikhetha omhlophe qwaba, into ekunayo andilindele kuhle kodwa emhlabeni, ebomini bam. Bangandikhalala abantwana bam xa ndikhethe omhlophe wodwa kuba baya kuthi xa kunzima bandibuze ukuba kutheni na ndikhethe omhlophe kanti kuya kuthi pam ngamanye amaxesha. Ndikhetha umbala omhlophe nomnyama kuba ndifuna kukhanye ebomini bam kodwa ke ndokwamkela nokubuhlungu okundihleleyo, enkosi.'

Zaye zadyuduzela ngoku izilwanyana zinexhala lokuphela kwemibala zakubona ingwe imana izidla ngawayo amabala, yayimana ihlala ihlale iphakame inyantsule mfondini izibuka-buka emva kokuthiwa bhaxe eyayo imibala. Izilwanyana zathenjiswa nguMdali ukuba ayinakuphela imibala, zingayiphindaphinda eseyifakwe zezinye kodwa ingafakwa ngokufanayo, isenokuba yimigca, isenokuba ngamachokoza, isenokuba zizangqa, njalo-njalo.

'Ndifuna oluhlaza yaka,' latsho isele elalizihlalela emanzini. 'Ndifuna ukuthi kusakwenzeka ngelishwa kuphele amanzi emgxobhozweni wam, ndifane nengca lungandiboni utshaba lwam uNyoka.'

'Ndifuna ukuba mdaka,' latsho elinye isele elizihlalela eludakeni. 'Ndifuna ukufana nomhlaba xa nditakataka emakhaya, ndiyaphela yinzala kaNtu, ngokumana indiphosa ngetyuwa ndiqaqanjelwe ndizibhuqa-bhuqe kuba indigxotha kowayo. Oogxa bam bazizigede ezama kudala, batshabalala yityuwa yasemzini. Sakukhe sisinde bacinge ukuba singumhlaba.'

Zada zaphela izilwanyana. Kwashiyeka uLovane yedwa. Wanyamezela uMdali walinda uLovane ukuba lude lukhethe kuba lwaluba ngabizwa luthi lusacinga. Lwacinga, lwacinga de wathi, 'He-e-e! kunzima kakhulu kum ukukhetha le mibala. Ndiyifuna yonke.' Waphendula ngelipholileyo uMdali wathi, 'Uze undixelele xa ude wawukhetha, ndokulinda ngomonde ude uze kum.'

Wayithatha le mibala wayibeka kuzo zonke izinto azidalileyo, emithini, kwiintyatyambo nezinye izinto. Lwamana lujonga loo mibala ulovane, luthi lusakufika engceni lujike lube luhlaza, lufike kwingca eyomileyo lufane nayo, lusakufika kwiintyatyambo ezibomvu lube bomvu, njalo-njalo.

Kude kube namhlanje, alukabi nazigqibo ulovane, lusakhangela umbala olufaneleyo, lusatshintsha ukuze lukwazi ukuziphepha iintshaba.

[Isahluko se-10]

13.1 Xela iimpawu zibe mBINI zentsomi ezibonakala kwesi sicatshulwa. (2)

13.2 '… Zaxelelwa ukuba mazicingisise, …' (Kumgca 4)

Sizathu sini esasibangela ukuba kuthiwa mazicingisise izilwanyana xa ziza kukhetha imibala? (1)

13.3 '… kuba baya kuthi xa kunzima bandibuze ukuba kutheni na ndikhethe omhlophe kanti kuya kuthi pam ngamanye amaxesha.' (Kumgca 25–26)

Amveza njengomlinganiswa onjani uQwarhashe la mazwi akule migca ingentla. (2)

13.4 '… yayimana ihlala ihlale iphakame inyantsule mfondini izibuka-buka emva kokuthiwa bhaxe eyayo imibala.' (Kumgca 30–31)

Yaba nafuthe lini kwezinye izilwanyana le ntshukumo yayisenziwa yingwe. (2)

13.5 Nika iqhalo elithetha ngengwe elinxulumene noku kuthethwa kule ntsomi. (1)

13.6 '… zingayiphindaphinda eseyifakwe zezinye kodwa ingafakwa ngokufanayo, isenokuba yimigca, isenokuba ngamachokoza, isenokuba zizangqa, …' (Kumgca 32–33)

Yeyiphi ingcinga evuselelwa ngala mazwi malunga nezilwanyana? (2)

13.7 ' "Ndifuna oluhlaza yaka," latsho isele elalizihlalela emanzini.' (Kumgca 35)
' "Ndifuna ukuba mdaka," latsho elinye isele elizihlalela eludakeni.' (Kumgca 38)

Izizathu zokukhetha kwawo le mibala la masele zityhila ntoni ngawo? (2)

13.8 'He-e-e! kunzima kakhulu kum ukukhetha le mibala. Ndiyifuna yonke.' (Kumgca 45–46)

Loluphi udidi lwempixano olufumaneka kule migca ingentla? Xhasa impendulo yakho. (2)

13.9 'Wayithatha le mibala wayibeka kuzo zonke izinto azidalileyo, emithini, kwiintyatyambo nezinye izinto.' (Kumgca 48–49)

Kwaba nasiphumo sini oku kuxelwa kulo mgca ungentla kuLovane? (2)

13.10 Nika imfundiso yale ntsomi. (2)

KUNYE

ISICATSHULWA H

UKUMKANIKAZI UNOLIZWE SANDILE – M Mbambo

1 **A! Nolizwe!**
2 **A! Nolizwe!**
3 Liwasakazi leenkomo zakuloNyawuza.
4 Incokazi kumathol' eenkunzi zaseMampondweni.
5 NguMalusi wamathol' esirhorho kwaRharhabe.
6 UMvalo ovalel' ezimaphece nezimaxhaka.
7 Imvu ebuso bulubisi, amazwi abubusi.
8 Uyavuy' uNolwandle unomolokazana.
9 A! Nolizwe!

10 A! Nolizwe!
11 Umhlaba wakwaRharhab' unamanyala.
12 Ngokwahlul' uNolizwe nomtshato.
13 Ukuz' ashiyek' amaRharhab' engenayise.
14 Isimbonon' esakhuzwa ziintaba zeli lizwe.
15 Kwakhuz' eyeGqirha neyeBhukazana.
16 A! Nolizwe!
……..

13.11 Xela umahluko phakathi komqolo wesi-2 nowesi-3 ngokwentsingiselo yale miqolo. (2)

13.12 Siphuhlisa ntoni isikweko esisetyenziswe kumqolo wesi-5 ngoNolizwe? (2)

13.13 Msebenzi mni owenziwe luphawu lomelo (') kulo mbongo? (1)

13.14 Loluphi udidi lwesibongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
[25]

AMANQAKU ECANDELO B: 25

ICANDELO C: IDRAMA

IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kumbuzo 14 ukuya kumbuzo 15.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

QAPHELA: Xa umviwa ekhetha umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwidrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwinoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwidrama).

UMBUZO 14 (UMBUZO OSINCOKO SONCWADI)

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Ingaba umbhali uyisebenzise njani ingxoxo ukuzoba isimo sikaGugulethu? Xhasa impendulo ngokucaphula ebalini.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (2–2½ amaphepha). **[25]**

UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA I

UNOMAMPONDOMISE:	Kowu bhuti Gugulethu Rhadebe, le nto akukayiyeki nangoku? Kodwa sisizungu sani esi undimele ngaso? Uza kundenzela amashwa ngale nto. Uza kubanga ukuba ndingatyi kutya kuhlayo, ndingalali buthongo buhlayo yiyo yonke le nto.	5
UGUGULETHU:	Wena Jola uthi 'ndiza'. Mna akuhli ngoku ukutya endikutyayo. Andithethi ke bona ubuthongo, ndithi ndakucinga ngawe bumke bonke, ngoku into eseleyo ngamashwa ukuba abe phezu kwam ngenxa yakho; kuba NomaMpondomise, qonda kakuhle Jola, ngenxa yothando le nto ingumntu iyajika ibe yinto ebingeyiyo ekuzalweni, okanye ibe yinto ebingadalelwanga kubulala, ebingadalelwanga yona nguThixo. Ngenxa yothando umntu uba ngumbulali ngoku ebengadalelwanga kubulala. Ngenxa yothando umntu uba ngugqobha ogqobha onke la mankazana eli lizwe. Yintoni unobangela? Intliziyo ayivumi ukwanela kuba kukho lowa mntu unguyena-yena ebesenyongweni. Ngoku ke seleyinto ehamba isenza nje phantsi kwegama lokuba iyazixolisa. Ngenxa yothando umntu uzibona selenxila ebengakhange wadalelwa bunxila, umve esithi ucima iintsizi, uyazithuthuzela.	10 15 20

	Ngani ukuba azinyulele ixelegu elibutywala ekucimeni iintsizi, nasekuzithuthuzeleni? Kaloku oyena mthuthuzeli wenene ngulowo usuke wakhwez' amathambeka. NomaMpondomise Jola, ndive xa ndithi kuwe anditi kutya kuhlayo nguwe, andilali buthongo buhlayo ngenxa yakho. Ngoku ndiyakucela, nqanda nali ilifu lelishwa, lokuba yinto endingadalelwanga yona, lilenga-lenga phezu kwam. Mnye umntu ongalinqandayo andiboni wumbi, nguwe kuphela. NomaMpondomise! NomaMpondomise uyandiva na? Akakho omnye ongalinqandayo eli lifu.Nguwe kuphela. Nguwe kuphela!	
UNOMAMPONDOMISE:	Kowu bhuti Gugulethu Rhadebe, abuhlungu amazwi akho kakhulu. Kodwa ke mandikucele Mthi, mandikucele Hlubi, nceda Ndlebentle zombini, nceda Mashwabada owashwabadela inkomo neempondo, yiyeke le nto Bhungane. Ewe ukuba bendingekho kule ngxaki ndikuyo ngoku ngendiba ndiyakukhulula namhlanje. Kodwa ke ngenxa yokuba ndinesizathu esikhulu andinakho. Ngoko ke ndikucenga ndikuleleza, ndikhuphe mpela ezingcingeni zakho. Yini luthando oluyini olu lwakho lungasapheliyo, yonke into iphela nje?	
	[Indima 1 Umboniso 4]	

15.1 '… le nto akukayiyeki nangoku?' (Kumgca 1)

Yeyiphi 'le nto' abhekiselele kuyo uNomaMpondomise? (2)

15.2 'Uza kundenzela amashwa ngale nto.' (Kumgca 2–3)

Ngawaphi la mashwa athetha ngawo uNomaMpondomise? (2)

15.3 '… NomaMpondomise, qonda kakuhle Jola, …' (Kumgca 10)

Lulwimi olunjani olusetyenziswe kulo mgca ungasentla? Xhasa impendulo yakho. (2)

15.4 'Kowu bhuti Gugulethu Rhadebe, abuhlungu amazwi akho kakhulu. Kodwa ke mandikucele Mthi, mandikucele Hlubi, nceda Ndlebentle zombini, nceda Mashwabada …' (Kumgca 33–35)

Yintoni injongo yokuba uNomampondomise asebenzise iziduko xa ethetha noGugulethu? (1)

15.5 'Ewe ukuba bendingekho kule ngxaki ndikuyo ngoku ngendiba ndiyakukhulula namhlanje.' (Kumgca 37–38)

Xela le ngxaki abhekiselele kuyo uNomaMpondomise? (2)

15.6 Chaza ukuba uzotywe njengomlinganiswa onjani uGugulethu kwesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

15.7 Sesiphi isiganeko esilandela esi sicatshulwa? (2)

KUNYE

ISICATSHULWA J

UMCUNUKELWA:	Yid'uthethe Jola kudala ndimamele. Ngaba yintoni na embi ekuhleleyo? Ngokuntyuntya uthetha undibeka exhaleni.	
UNOMAMPONDOMISE:	Ke kule nto ndiza kuyithetha ndithanda ukuba ndenze isicelo kuqala, ndithi uze uncede ungandibuzi sizathu kuba andizimisele kuthetha. Ingaba uyakuthembisa na oko?	5
UMCUNUKELWA:	Kuxhomekekile Jola, qhuba ndive.	
UNOMAMPONDOMISE:	Into endikubizele yona bhuti wam kukucela ukuba uphuthume iinkomo zakho.	
UMCUNUKELWA:	Awu! NomaMpondomise Jola, yintoni le uyithethayo ngoku.	
UNOMAMPONDOMISE:	Yiloo nto bhuti wam.	10
UMCUNUKELWA:	Uthi mandingothuki, ubuye kwawena uthi mandingabuzi nobangela? Ngoba? Uthi ingathini into enjengale ukungandothusi? Ndingathini khona khona ukungabuzi ukuba unobangela yintoni?	
UNOMAMPONDOMISE:	Ndifanele ukuthi mus'ukundibuza, kuba imibuzo yakho ayizi kwenza ukuba ndijike kule nto ndiyithethayo; ndiyithetha nje ndiyayithetha. Ukundibuza kwakho kufana nje nokugxwal'emswaneni.	15
UMCUNUKELWA:	Akukho nto nokuba ndigxwal'emswaneni, kodwa ke ndivumele Jola ndikubuze unobangela, ukwenzela ukuba ndithi ukuba ndim owonileyo ndicele uxolo kuwe, uthi ke nokuba akuxoli ndazi ukuba ndim owonileyo, ndikwazi ukulila kakuhle ndisithi ndazenza.	20
UNOMAMPONDOMISE:	Hayi Mpafane ungakhathazeki, akunaso nesincinane isono, nto nje indlu le xa ingakhanga yaba ilungile kwasekusekweni kwayo akuncedi nto ukuyakha ngeenkani kuba yokuphoxa sowuhlala kuyo, uyibone idilika isiwa, uqale ke ulilele amandla akho. Kulungile ukuthi ungekadleki uyiyeke ufune siza simbi wakhe kuso.	25
	[Indima 3:Umboniso 4]	

15.8 'Into endikubizele yona bhuti wam kukucela ukuba uphuthume iinkomo zakho.' (Kumgca 7–8)

Sizathu sini esikhokelele ukuba uNomaMpondomise abhekise la mazwi angasentla kuMcunukelwa? (2)

15.9 'Awu! NomaMpondomise Jola, yintoni le uyithethayo ngoku.' (Kumgca 9).

Yiyiphi imvakalelo evuselelwa ngala amazwi kaMcunukelwa angasentla? (2)

15.10 Ululuphi udidi lomlinganiswa uMcunukelwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

15.11 'Ukundibuza kwakho kufana nje **nokugxwal'emswaneni**.' (Kumgca 17–18)

Chaza ukuba avuselela yiphi ingcinga amazwi abhalwe ngqindilili athethwa nguNomaMpondomise kuMcunukelwa? (2)

15.12 '… akuncedi nto ukuyakha ngeenkani kuba yokuphoxa sowuhlala kuyo, …' (Kumgca 26–27).

Ngqina ubunyani bala mazwi ngokubhekiselele kumtshato kaGugulethu noThobeka. (2)

15.13 Likweliphi inqanaba lesakhiwo ibali kule ndawo? Xhasa impendulo yakho. (2)

[25]

UMBUZO 16 (UMBUZO OSINCOKO SONCWADI)

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

Ingaba umbhali uyisebenzise njani ingxoxo ukuzoba isimo sikaMaGatyeni? Xhasa izimvo zakho ngokucaphula kwiziganeko ezisebalini.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (2–2½ amaphepha). **[25]**

UMBUZO 17 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

ISICATSHULWA K

SIPHOKAZI:	Umsebenzi lo wona ndiyawufuna kuba ndixakekile.	
MAQHIKIZANE:	Isandla sihlamba esinye ke ntombazana. Nam kaloku andinakho. Ukukwenzela ububele xa wena ungafuni nobakho ububele kum.	
SIPHOKAZI:	Uthetha ukuthi ke *daddy* ungade ube ngaka kanti awukabi namfazi?	
MAQHIKIZANE:	Enyanisweni wena nkosazana entle, ndandinaye umfazi, kodwa sele waba kwelemimoya ndithetha nawe nje.	5
SIPHOKAZI:	Ndingalunga ke mna ukwendela esithenjini ndisemncinci kangaka?	
MAQHIKIZANE:	*(Athinte isikhohlela.)* Hayi wena sithandwa abantwana bam sele bebadala noko. Bona baza kuzihlalela bodwa kula mzi wam usezilalini. Mna nawe ke siza kuhlala kulo ulapha edolophini. (*Athinte isikhohlela.)* Siyevana ke s*weetie*?	10
SIPHOKAZI:	Yeha ke sithandwa nosweetie. Ndiyawoyika ubona nje mna la magama undibiza ngawo Mnumzana Maqhikizane.	
MAQHIKIZANE:	Masivane kaloku Sphosh.Yintoni ngoku *lovey*?	
SIPHOKAZI:	Ndixakwa nje kukuba umsebenzi lo wona ndiyawufuna. Kodwa le nto uyithethayo yona andiyiqondi tu.	15
MAQHIKIZANE:	Akukho kwanto unokuyisokola xa unokuthandana nam.	
SIPHOKAZI:	Yeha ke bawo ubungathethi ngomtshato na kuqala? Kutheni ngoku ndakuva sele uthetha ngokuthandana?	
MAQHIKIZANE:	Yinto enye kaloku leyo andinakukutshata ndingakuthandi. Andithi kunjalo?	20
SIPHOKAZI:	Ewe kunjalo khona *daddy*.	
MAQHIKIZANE:	Ndizakwenzela yonke into oyifunayo, maan. Uthini ke?	
SIPHOKAZI:	Njengokuba umnini walo msesana ndiwunxibileyo sele endingejile nje ndingayithini loo nto?	25
MAQHIKIZANE:	Ungatshata naloo mfenana yakho, kodwa wona umsebenzi uwuncame.	
SIPHOKAZI:	Ndiza kukhe ndiyicinge le nto *daddy*.	
	[Indima 2, umboniso 3]	

17.1 'Isandla sihlamba esinye ke ntombazana.' (Kumgca 2)

Ingaba sithetha ukuthini esi sithethi ngokwale ntetho ingentla? (2)

17.2 '*(Athinte isikhohlela.)*' (Kumgca 8)

Cacisa ukuba ukuthintwa kwesikhohlela kubonisa isithethi njengomlinganiswa onjani? (2)

17.3 'Akukho kwanto unokuyisokola xa unokuthandana nam.' (Kumgca 17)

Ucinga ukuba sinyanisile esi sithethi xa sitshoyo? Xhasa impendulo yakho. (2)

17.4 'Ungatshata naloo mfenana yakho, kodwa wona umsebenzi uwuncame.' (Kumgca 26–27).

Chaza ukuba loluphi ulwaphulo-mthetho oluvezwe yintetho yesithethi kula mazwi angentla? (2)

17.5 Uloluphi udidi lomlinganiswa uMaqhikizana? Xhasa impendulo yakho. (3)

17.6 'Ndiza kukhe ndiyicinge le nto *daddy*'. (Kumgca 28)

Tyhila ukuba la mazwi amveza njengomlinganiswa onjani uSiphokazi. (2)

KUNYE

ISICATSHULWA L

UMAGATYENI:	Andiyazi ke le nto isuke yandenza amanwele namhlanje.	
UMAQHINEBE:	Amanwele antoni na Magatyeni? Wena unentliziyo yentaka.	
UMAGATYENI:	Ungathethi loo nto MaQhinebe emva koko sibanjwe apha.	
UMAQHINEBE:	Sizakubanjwa yintoni?	
UMAGATYENI:	Ngamapolisa. Unani lo mfazi?	5
UMAQHINEBE:	Kufuneka ukhe uphekwe NguMagrazula ngokwakhe ngoku. Isekho indawana yobugwala esaseleyo apha kuwe.	
UMAGATYENI:	Hayi ndincede wethu mna.Ndingangokabani kula mayeza aluma kangaka?	
UMAQHINEBE:	Kanti ndiza kumxelela uMagrazula akuphinde ngokwakhe.	10
UMAGATYENI:	Hayi bendincokola nje wethu Qhinebe. Andinamanwele mna.	
UMAQHINEBE:	Kufuneka ufane nathi aba maan. Uyasibona thina noDlezinye? Sakhutshwa amaxhala kudala.	
UMAGATYENI:	Hayi bendincokola wethu.	
UMAQHINEBE:	Endaweni yokuba ucinge ngobutyebi obu uza kubufumana, ulibele ngamanwele.	15
UMAGATYENI:	Kodwa amanwele la wona andiphethe.Kubi ukuxoka. *(Usana lukhale kakhulu.)*	
UMAQHINEBE:	Hayi wethu! Ngamanwele antoni na la undimele ngawo, nam uza kude undoyikise nje mfazindini?	20
UMAGATYENI:	Ibingezo njongo zam ukukoyikisa wethu Qhinebe. Ndixela into endiyiva apha kum mna.	
UMAQHINEBE:	Uyazi ukuba nam ngoku ndisuka ndanala manwele akho, ngenxa yakho?	
UMAGATYENI:	Makhe sisuke kule ndawo.	25
UMAQHINEBE:	Siye phi?	
UMAGATYENI:	Makhe siye kuhlala kwenye indawo. Sakubuya xa seyilixesha lokuphuma kwebhasi.	
UMAQHINEBE:	Hay kulungile masihambe.Nam ndisuka ndoyika ngoku.	
UNTAMO:	Khawothule lo mntwana kudala ekhala emqolo mama. Ndimbukele, ungamhoyanga nakancinci ke loo nto.	30
UMAQHINEBE:	Hayi hayi wena polisa …	

[Indima 5, Umboniso 7]

17.7 'Kufuneka ukhe uphekwe nguMagrazula ngokwakhe ngoku.' (Kumgca 6)
Cacisa ukuba yintoni edibanisa esi sibini noMagrazula. (2)

17.8 'Hayi bendincokola nje wethu Qhinebe. Andinamanwele mna.' (Kumgca11)
Chaza ukuba avuselela yiphi ingcinga la mazwi angasentla. (2)

17.9 'Ibingezo njongo zam ukukoyikisa wethu Qhinebe.' (Kumgca 21)
Wanyanzeliswa njani uMaGatyeni nguMamQhinebe ukuba angene kweli shishini lokuba abantwana? (2)

17.10 Likweliphi inqanaba lesakhiwo ibali kule ndawo? Xhasa impendulo yakho. (2)

17.11 'Khawothule lo mntwana kudala ekhala emqolo mama.' (Kumgca 30)
Chaza injongo yokubiwa komntwana okhala emqolo? (2)

17.12 Sesiphi isiganeko esalandelayo emva kwesi sicatshulwa? (2)
[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80